



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2019

AMANQAKU: 120

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ali-16.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
ICANDELO D: Uncwadi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50	
ICANDELO B: Imizuzu engama-20	
ICANDELO C: Imizuzu engama-40	
ICANDELO D: Imizuzu engama-40	
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

- 1.1 Funda esi sicutshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**YONWABELA IMATHS NGE-APP KA-ATHI**

- | | | |
|---|---|---------|
| 1 | Kubafundi abaninzi <i>iMathematics</i> sisifundo apho esifuna ubani azikise ukucinga ukuze amelane naso. Ku-Athi Rwexu oneminyaka engamashumi amabini anesixhenxe <i>iMathematics</i> sisifundo esilula kakhulu xa usenza ngokusonwabela. | |
| 2 | Uyonwabela njani <i>iMathematics</i> ? <i>iMathematics</i> uyonwabela ngokusebenzisa <i>i-App</i> eyiBeta <i>SigmaX</i> , eyenziwe nguRwexu. Kule App ke ufumana lula zonke iimpendulo kwizinto ezikuxakileyo ezimalunga neMathematics. Le App inemifanekiso yamanani uRwexu ayibiza ngokuba yi <i>Maths Movies</i> . Ibizwa ngokuba yi <i>Maths Movies</i> kuba ibonisa imifanekiso eneentshukumo. Yile ntshukumo eyenza kubelula kakhulu ukuqonda <i>iMathematics</i> . | 5
10 |
| 3 | IApp kaRwexu isisixhobo esiwenza ubelula umsebenzi wabafundi ngenxa yokuba isebenza ngeselula. Iselula yenza kubelula kubafundi ukumelana nekharithulam kuba basebenza ngento abayithandayo. Okwesibini bavuyela nale nto yokuvunyelwa ukusebenzisa iselula eklasini. Batsho bayonwabele <i>iMathematics</i> ngenxa yale selula. | 15 |
| 4 | URwexu waphumelela uGrade 12 ngowama-2007 eneminyaka elishumi elinesithandathu, kwaye wayengoyena mfundi uphumelele emagqabini kwiphondo leMpuma Koloni liphela. Uyinzwakazi yaseNahoon eMonti, ufunde kwisikolo esiyindumasi ngokweziphumo zikaGrade 12, iSt James Senior Secondary yakuCofimvaba. Emva koko waya kufundela <i>iActuarial Science</i> kwiYunivesithi yaseKapa (UCT). | 20 |
| 5 | UAthi ngexesha etyelele abafundi baseVulamazibuko High kwa-N.U.1 eMdantsane uthethe nephephandaba 'Isolezwe'. Kudliwanondlebe lwakhe ne <i>Isolezwe</i> uthe, 'Emva kokuba ndiqaphele ukuba kukho abantu abasokolayo kwi <i>Mathematics</i> ndagqiba kwelokuba mandincedise.' | 25 |
| 6 | Ulixelele 'Isolezwe' ukuba ezona njongo zakhe zokudala le App, kukuphelisa le ngcinga yokuba <i>iMathematics</i> yeyabantu abathile <u>'Okwesibini, ndifuna kuphele nokuba umntwana xa kunzima ukuphumelela <i>iMathematics</i> kuthiwe makayokwenza <i>iMathematical Literacy</i> okanye isisifundo esinzima.'</u> utshilo uRwexu, ecacisela 'Isolezwe'. Kaloku amakhondo amaninzi afuna <i>iMathematics</i> buqu. | 30 |
| 7 | Uthi ubone kufanelekile ukudala le App kuba <u>izinga lokuphunyelwa kwe<i>Mathematics</i> liphantsi</u> ngokweenkcukacha ze <i>World Economic Forum</i> . | 35 |

- 8 Kule veki ujikeleze izikolo ezithile kwiphondo laseMpuma Koloni ezazisa ngale *App* yakhe. URwexu uthi wonelisekile yindlela abafundi abathe babonakalisa umdla ngayo kule *App* yakhe.
- 9 Lowo unomdla wokusebenzisa obu buchule bale nzwakazi, angatyelela idilesi ethi: www.sigmax.co.za, ukuze afumane iinkcukacha ezithe vetshe ngale *App*. Le *App* iyafumaneka *nakuGoogle Play Store* okanye kwi-*App Store*. Imali oyihlawulayo ukuze ufumane konke oku, yi-R299. 40
- [Sithathwe kwiphaphandaba, Isolezwe lesiXhosa, Janyuwari 23, 2018 saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

- 1.1.1 Uneminyaka emingaphi uAthi? (1)

JONGA KUMHLATHI 2

- 1.1.2 Xela igama le*App* kaAthi. (1)
- 1.1.3 Kutheni le *App* ibizwa ngokuba yi*Maths Movies*? (2)
- 1.1.4 Xela uncedo lwentshukumo ye*Maths Movies*. (2)

JONGA KUMHLATHI 3

- 1.1.5 Iselula ikwenza kubelula njani ukumelana nekharithulam kubafundi? (1)

JONGA KUMHLATHI 4

- 1.1.6 UAthi waliphumelela ibanga le-12? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.7 Caphula ibinzana elithetha ukuba isikolo iSt. James sineziphumo ezihle. (1)
- 1.1.8 UAthi wayebalasele kwizifundo zakhe. Xhasa olu luvo. (2)

JONGA KUMHLATHI 5

- 1.1.9 Xela igama lesikolo saseMdantsane asityeleleyo uAthi. (1)

JONGA KUMHLATHI 6

- 1.1.10 Xela zibeMBINI iinjongo zikaAthi zokudala i*App*. (2)
- 1.1.11 Ingaba la mazwi anomgca ngaphantsi athethwa nguAthi ngqo? Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.1.12 Khetha intsingiselo yegama '**zokudala**' kwizibiyeli.
... ezona njongo zakhe (zokugugisa /zokuvelisa) le *App* ... (1)

JONGA KUMHLATHI 7

- 1.1.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:
Isivakalisi esinomgca ngaphantsi kulo mhlathi sithetha ukuba;
- A Baninzi abaphumelela iMathematics.
B Bambalwa abaphumelela iMathematics.
C Bakumyinge we-80% abaphumelela iMathematics.
D Abakho abaphumelela iMathematics. (1)

- 1.1.14 YINYANI/LULUVO ukuba izinga lokuphunyelelwa kwe *Mathematics* liphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 8

- 1.1.15 Siqonda njani ukuba abafundi bayayithanda le App? (1)

JONGA KUMHLATHI 9

- 1.1.16 Ungayifumana njani le App? (1)

JONGA KWITEKISI YONKE


- 1.1.17 Tshatisa iziko lemfundo elikuKholam B nemfundo kaRwexu ekuKholam A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Isidanga se <i>Actuarial Science</i>	(i)	St. James Secondary School
(b)	Grade 12	(ii)	Yunivesithi yaseKapa
		(iii)	<i>Heriot Watt University</i>

(2)

- 1.2 Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthathwe ku-www.googleimages.co.za waze wahlelwa]

- 1.2.1 Xela zibeziBINI izixhobo ze-ofisi ezikulo mfanekiso. (2)
- 1.2.2 Yintoni eyenziwa nguKuku eyingozi? (2)
- 1.2.3 Bangaphi abantu kulo mfanekiso? (1)
- 1.2.4 Nika imfundiso yalo mfanekiso. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa simalunga nokungavisisani nomzali wakho. Bhala ONOKUKWENZA EMVA KOKUNGAVISISANI NOMZALI WAKHO.

IMIYALELO:

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
4. Bhala iingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

ISICATSHULWA C**EMVA KOKUNGAVISISANI KOMZALI NOMNTWANA**

Abantwana bakhe bangavisisani nabazali babo. Sebenzisa la macebo alandelayo xa unale ngxaki.

Abantu bacinga ukuba ukuyisombulula ngoko nangoko ingxaki kulungile kanti akunjalo. Ngeli xesha nisenomsindo nobabini, khanizinike ithuba lokuhlisa imisindo. Mhlawumbi wena uye kwigumbi elilelinye okanye uyokwenza njee enye into. Ukucela uxolo kumzali yeyona nto ibalulekileyo. Ingakuvulela iingcango ezivaliweyo loo nto. Ungalucela uxolo ungaluceleli isenzo esingamkelekanga ulucele nje kuba umzali ekhathazekile xa nithetha.

Cela akucacisele malunga neyonayona nto imkhathazileyo, uzame ukumamela umamelisise uve ukuba kanye ukhathazwe yintoni. Ungafumana ithuba lokucacisa elakho icala koku kungavisisani kwenu. Kusenokwenzeka kuthi xa kanye nicaciselana nizibone nisilwa kwakhona. Xa kunjalo, phindani nithathe ikhefu, nibuye nithethe ngelinye ixesha. Zama ukuyamkela le meko nento ayikhalazelayo umzali. Kuyenzeka ukuba ungayiqondi ncam, kodwa mthembe umzali wakho ukuba nantoni na ayenzayo uneenjongo nemibono emihle ngawe kwaye nantoni ayenzayo uyenzela wena.

Kuyimfuneko ukungoyiki ukuthetha ucacise indlela oziva ngayo ingakumbi xa unoluvo lokuba uthathwe ungenabhola. Unelungelo lokuzithethelela. Xolela, ulibale ukwenze oko unyanisekile. Sukumqumbela. Yekani ukubuyela kule nto qho nithetha izinto eziyelele kuyo. Niza kuphinda nixabane. Mgone umxolele nikhangele into eninokuyenza kunye nonwabe kunye. Ningaya kubukela neemovie kunye.

[Sithathwe ku-www.parenting.co.za saguqulelwa saze sahlelwa]

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO**

Funda esi sibhengezo uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISICATSHULWA D


Unefowuni eneAndroid?
Ngoku ungamfumana uKFC
kwiApp kaUber Eats.
Yidawunlowude ku-
Google Play
okanye
kwi**App Store**

KHAWULEZA
- ezimbini zokuqala
ziziswa mahala!!

UBER EATS + KFC

[Sithatyathwe kwi-google.co.za saze sahlelwa]

- 3.1 Khetha ilogo yesi sibhengezo ntengiso ngezantsi. (1)
- A GOOGLE PLAY
B UBER-EATS + KFC
C KHAWULEZA
D APP STORE
- 3.2 Xela iindlela zibeMBINI zokufumana le App yeUberEats. (2)
- 3.3 Ufumana okuphi ukutya xa uneApp yeUber Eats ngokwesibhengezo? (1)
- 3.4 Uphawu lokudibanisa u '+' luthetha ukuthini ngoUber Eats noKFC? (1)
- 3.5 Silungele oobani esi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.6 Unceda njani lo mfanekiso wefowuni kule ntengiso? (2)
- 3.7 Khetha igama kwisibhengezo elithi umthengi makangxame. (1)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

[Ithathwe kwi-zitscomics.com]

- 4.1 Xela izixhobo zibeziBINI zokubhala ezikwisakhelo soku-1. (2)
- 4.2 Chonga igama ELINYE lokwenza isicelo kwisakhelo soku-1. (1)
- 4.3 Chaza isizathu sokuba intetho kaMama nekaLizo zibhalwe ngoonobumba abakhulu kwisakhelo sesi-2 nesesi-3. (2)
- 4.4 Wenza ntoni ngonyawo uLizo kwisakhelo sesi-3? (1)
- 4.5 Ithathwe phi le khathuni? (1)
- 4.6 Nika umyalezo wale khathuni. (1)
- 4.7 Ucinga ukuba uLizo uwutolike kakuhle umyalelo kaMama? Jonga kwisakhelo sesi-2 nesakhelo sesi-3. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

ISICATSHULWA F**UNTSIKI UYA ERHAWUTINI**

'Ndiyabathanda abantwana ababuzayo, Ntsiki. Ukuphendula umbuzo wakho ke mandenjenje – Ndinemincili yokukwazisa ukuba kuzo zonke ezi zithili zisi-8 kweli laseMpuma Koloni, nguwe ophume phambili! Ngoko ke zilungiselele ukuya eRhawutini ekupheleni kwenyanga yesilimela.' Baqhwaba izandla abantwana neetitshala. UNtsiki wasuka wema apho wadenga, engakholelwa. 5
Le nto yayifana nephupha kuye, esithi mhlawumbi kukho umntu oseza kumvusa kobo buthongo wayebuphupha. Kodwa endaweni yokuba **avuswe** ebuthongweni, lafika ixesha lokuba kuyiwe emagumbini okufundela, yaqhuba imini njengesiqhelo. Yayisele itshintshile ngoku indlela awayeziva ngayo uNtsiki malunga nohambo lwakhe oluya eRhawutini. Wayesithi akucinga 10
ngohambo lwakhe oyike kakhulu ingqondo ime ngxi. Waxelela uMakhulu wakhe. 'Makhulu, eRhawutini ukuya andisafuni,' kutsho uNtsiki.

[Sithathwe kuvimba wabevi]

- 5.1.1 Bhala isilanduli segama 'ndiyabathanda'. (1)
- 5.1.2 Nika iSINYE seli gama 'abantwana'. (1)
- 5.1.3 Bhala inani elinomgca ngaphantsi ku'**zisi-8**' ngamagama. (1)
- 5.1.4 Kutheni unobumba u 'N' kaNtsiki ebhalwe wamkhulu? (2)
- 5.1.5 Nika isithethantonye seli gama, 'ndinemincili'.
Umzekelo: Ukumamela
Impendulo: Ukuphulaphula (1)
- 5.1.6 Lungisa isiphene kwigama elinomgca ngaphantsi.
... eRhawutini ekupheleni kwenyanga yesilimela. (1)
- 5.1.7 Tshintsha esi sivakalisi uqale ngegama elinomgca ngaphantsi.
Baqhwaba izandla abantwana.
Umzekelo: Batya ukutya abantu.
Impendulo: Ukutya kwatyiswa ngabantu. (1)
- 5.1.8 Bhala isichasi segama 'avuswe'. (1)
- 5.1.9 Bhala isivakalisi ngasinye esingezantsi sibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli.
(a) Yafana nephupha kuye. (Ixesha elizayo)
(b) Nguwe ophume phambili. (Ixesha eladlulayo) (2)
- 5.1.10 Bhala esi sivakalisi ngokuchanekileyo. Qala ngegama elinomgca ngaphantsi.
Makhulu, ukuya eRhawutini andisafuni. (1)

5.1.11 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli.


(a) UNtsiki wasuka wema (bhaxa/bhunxe/bhuxu) apho.

(b) Wayesithi xa ecinga ngohambo lwakhe (athathwe/athethwe/abethwe) luvalo.

(2)

5.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISICATSHULWA G



[Uthathwe kwi-www.google.co.za waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala igama lemboleko elikwisakhelo 1.

(1)

5.2.2 Abonisa ntoni amachaphaza amathathu kwintetho yesibini kaLilo kwisakhelo soku-1?

(1)

5.2.3 Lungisa isiphene kwisakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Ukuba ndinganesithandathu lama-amapile kwesi sandla.

(1)

5.2.4 Nika isizathu sokushiya kweceba kwisibizo esinomgca ngaphantsi.

Ezona zandla zikhulu!!

(1)

5.2.5 Sebenzisa eli gama 'isandla' kaBINI libe neentsingiselo eziMBINI ezahlukileyo.

(2)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:

40

ICANDELO D: UNCWADI**IMIYALELO NENGCACISO**

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha SAKOHLULWA ZIINDUDUMO uze uphendule UMBUZO 6.
- Ukuba ukhetha NANDIWEZA uze uphendule UMBUZO 7.

UMBUZO 6: SAKOHLULWA ZIINDUDUMO – Isaac Tau

6.1 Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA H

MATESH:	Ude uzimisele <u>ngebanjwa</u> , unotrongo. He maan ngubani na kakade uNzima ukuze usiqhayisele ngaye?	
NOMHI:	Akumazi nokumazi ke lo mntu uthetha ngaye. Okwesibini, akangunontolongo uNzima, linene ezihambela phaya. Khona, sele umtyabeka amabala nje uzithatha phi ezo ndaba zobuxoki?	5
MATESH:	Phofu nguwe wedwa ongayaziyo loo nto apha. Lisela nomqhekezi laa mfo wakho webhongo. UNziphonde omdala.	
THEMBI:	Ndiyazi wethu Mhimhi ukuba zibuhlungu ezo ndaba, kodwa usemva kwezitshixo sithetha nawe ngoku nje. Ulala ebaliwe yonke le mihla.	
NOMHI:	Aninasiqinisekiso sale nto niyithethayo. Ngelishwa andinalo ixesha lokumamela yonke le mbudede. Ndixakekile ubona nje ke.	10
THEMBI:	(<i>Emalathisa iphephandaba.</i>) Hlala phantsi wena ndiza kukufundela ukuze uyive kakuhle le nto sithetha ngayo.	

- 6.1.1 Xela igama lekholeji abancokola kuyo ooMatesh. (1)
- 6.1.2 UMatesh wenza msebenzi mni kule kholeji? (1)
- 6.1.3 Chonga kwisicatshulwa elinye igama elithetha ukuba uNzima libanjwa. (1)
- 6.1.4 Chaza ngokufutshane ukuba uyintoni uNomhi kuNzima. (2)
- 6.1.5 Le ntetho ithi, '... uNzima, linene' ithetha ukuthini? Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi. (1)
- A Ubhala ngesandla sasekunene.
B Wenza izinto ezilungileyo.
C Wenza izinto ezingalunganga.
D Ubhala ngesandla sasekhohlo. (1)
- 6.1.6 Kutheni uMatesh ethetha kakubi ngoNzima? (2)
- 6.1.7 YINYANI/BUBUXOKI ukuba zimnandi kuNomhi izinto ezithethwa nguMatesh ngoNzima? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.8 Chaza ngokufutshane kwenzeka njani ukuze uNzima aphume etrongweni. (2)

6.1.9 Khetha igama elichanekileyo elikwizibiyeli.

USongezile uchole isazisi sikaNzima (a) (ePosini/eGood Year) waze waya kuqhekeza ngaso (b) (ePosini/eGood Year). (2)

6.1.10 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo ekuKHOLAM A

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Ixhego lam linesifo sentliziyo	(i)	Sajini
(b)	Inzol' enkundleni.	(ii)	Duke
(c)	Umama uthe udikiwe yingxolo oyenza ngalo mlozi ngena ngaphakathi.	(iii)	Nomhi
(d)	Watsho kuwe wathi nakohlulwa ziindudumo nakum utsho njalo.	(iv)	Nzima
		(v)	Vido

(4)

6.1.11 Ngqina ukuba isihloko sale ncwadi siyahambelana nomxholo webali. Xhasa impendulo yakho. (2)

KUNYE

6.2 Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

DUKE:	Zezi ngqondo zakho zininzi. Aninambulelo nina bafazi. Sinenz'abantu nakugqiba nisibulele ngesitya esinesikhohlela.	
NOMHI:	Singas'ke sigoduse lo mntwana kube kanye, akenzanga nto.	
DUKE:	Akuyi ndawo, Siza kumposa. Andibathandi abantu baseTinarha. Uyayiqonda phofu loo nto? Nangoku ndikwenzele inceba ukukwenza umfazi wam. (<i>Bothuswa yifowuni</i>)	5
DUKE:	Hallow Hay! kukwaMabaso apha ndingakunceda? Ubani? O! Yantle loo nto. Hayi enkosi mhlobo wam. Uthi baphi na abantu bandifunayo? ESqueezas, ungabi naxhala, ndilapho ngoku.	10
NOMHI:	Ngubani lowo?	
DUKE:	Kuthiwa kukho amadoda amabini andifunayo phaya eQueezas, ndiya kuwo ke.	
NOMHI:	Athi angobani?	
DUKE:	Akazixelanga igama kodwa ufowuna kwalapha ekuhlaleni. Ndiyabuya. Ndisaya kubetha zibe mbini phaya kwaSqueezas. Andikuthembi. Ndingafika sowuyibophe yancinci. (<i>Ambophelele esitulweni emva koko uyaphuma.</i>)	15

- 6.2.1 Ngubani igama lomntwana kaNomhi? (1)
- 6.2.2 Kutheni uDuke esithi kuNomhi, 'Aninambulelo nina bafazi'? (2)
- 6.2.3 Chaza ngokufutshane ukuba uNomhi umfumene njani umntwana kuNzima. (2)
- 6.2.4 Kutheni uDuke esithi, 'siza kumposa' lo mntwana? (2)
- 6.2.5 Sazi njani ikuba ifowuni ikhalile xa uDuke ethetha noNomhi? (1)
- 6.2.6 Nika amagama amadoda AMABINI afuna uDuke eSqueezers. (2)
- 6.2.7 Ngubani owayeliqaba phakathi kukaDuke noNzima? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.2.8 YINYANI/BUBUXOKI. Umntwana kaNomhi wanikezelwa koonontlalontle? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.2.9 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kweli bali. Bhala oonobumba ngokulandelelana kwabo.
- Umzekelo: A, C, D, B
- A Umtshato kaNomhi.
- B Itheko lokuthi ndlela ntle eKholejini.
- C UNzima uyabanjwa.
- D USongezile uqhekeze eGood Year Rubber and Trye Co. (4)
- 6.2.10 Sifunde ntoni kwisenzo sikaNomhi sokubuyela kuNzima? (2)

[40]

UMBUZO 7: NANDIWEZA – Mbulelo Nzo

7.1 Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA J

'ULuwanika ufumene umsebenzi eBisho, uyingqwayi-ngqwayi apho. Endaweni yokuba sisondele kuye, uya ebhekela phaya. Mna ndiwubona ungenakwenzeka lo msebenzi wethu. Ukuba sizama ukugodusa uLuwanika ngondlela mnyama sizicandel'umgalagala. Into esinokuyenza kukuqhagamshelana nabasekhaya sibacacisele ngobunzima balo msebenzi. 5
Masi ...' Akaligqibanga uKhanyizire.

'Hayi, hayi, wena awuyiqondi imeko yam. Mna ndiphoswe yinkosikazi ebendiyithanda. Ngoku ndiva ukuba imfuyo yam iyaphela. Wena ulahlekwa yintoni kule meko? Ngaphaya koko wonwabile wena nosapho lwakho. Mayicace ke kuwe into yokuba andiyi kubuya ngamva mna. ULuwanika 10
kufuneka egodukile ukuze nam ndikwazi ukufuna imbuyekezo ngomonakalo owenzeke empahleni yam. Uze ulumke ke nawe ungabisendleleni yam hleze uchaphazeleke.' Utsho wee gwiqi waphuma ngomnyango, nanko egxanyaza eya kusithela, efuthela phezulu okwehashe lomdyarho.

Iglosari:

Uyingqwayingqwayi- Umntu ophetheyo
umgalagala –ingxaki
Kubuya ngamva- kukunganikezeli
Ungabisendleleni- ukuba ngumqobo
Egxanyaza – ukuhambela phezulu

- 7.1.1 Xela indawo abancokola kuyo ooNyikita. (1)
- 7.1.2 ULuwanika wenza msebenzi mni eBisho? (1)
- 7.1.3 Chonga kwisicutshulwa igama elithetha ukuba uLuwanika ungumphathi. (1)
- 7.1.4 Chaza ngokufutshane ukuba uyintoni uNyikita kuLuwanika. (2)
- 7.1.5 Le ntetho ithi '... uya ebhekela phaya' ithetha ukuthini? Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi. (1)
- A Uhambela kufutshane kuwe.
B Uhambela kude kuwe.
C Uhamba phakathi kwabo.
D Uhambela ekhohlo kuwe. (1)
- 7.1.6 Kutheni uNyikita ethetha kakubi ngoLuwanika? (2)
- 7.1.7 YINYANI/BUBUXOKI ukuba zimnandi izinto ezithethwa nguNyikitha ngoLuwanika? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.1.8 Chaza ngokufutshane kwenzeka njani ukuze uLuwanika afumane umsebenzi eBisho. (2)

7.1.9 Khetha igama elichanekileyo elikwizibiyeli.

ULuwanika ufunelwe umsebenzi eDurban ngu-(a) (Biggs/Doyle) waze eBisho wawufunelwa ngu-(b) (Doyle/Biggs).

(2)

7.1.10 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo ekuKHOLAM A

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Sibabini, ndim nodade wethu ondalekelayo uNorah.	(i) Nyikita
(b) Mna andicingi ndizise kwesa sikhohlakali singuMwera.	(ii) Toyi
(c) Kulungile, mazize zonke iinkomo siqale ngazo.	(iii) Kasayi
(d) Ilifa lezidenge lidliwa zizilumko.	(iv) Luwanika
	(v) Sakayire

(4)

7.1.11 Ngqina ukuba isihloko sale ncwadi siyahambelana nomxholo webali. Xhasa impendulo yakho.

(2)

KUNYE

7.2 Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA K

'Ndize kolula isandla kuni, bazali, ndaye ndenze loo nto nasenkosini apha. Ubomi bumnandi ngokuthi abagqebheneyo bachebane iinduma. Ukuba anichebani, yazi ukuba niya kufa ziintonga. Niza kulwa de kufe omnye. UNyikita lo undileqe kwakubi efuna ukundityumza kodwa kungokunje singumtya nethunga notshaba lwam lolwakhe. Ubuhlobo buchithwe nini baye buza kubunjwa kwanini. Mna ndiza kuzama amacebo okuba nikhutshwe apha phambi kwexesha kodwa ndithembiseni ukuba nixolelene naye nimxolele noNkosi uMwera lo. Ukuba aliphumeleli elo icebo, ndiza kunithenga ngokungathi niza kundisebenzela. Niza kuhlala kwifama yam apho ndiza kuninika amasimi nilime nithengise nondle neentsapho zenu.'

'Luwanika, yintoni le ibanga ukuba uzikhathaze kangaka ngathi sonke apha?'

5

10

7.2.1 Ngubani igama lenkosi ekuthethwa ngayo apha?

(1)

7.2.2 Kutheni uLuwanika esithi, 'Ndize kolula isandla kuni, bazali ...'?

(2)

7.2.3 Chaza ngokufutshane ukuba uKasayi noSakayire bayohlula njani iimfuyo ababeyibile.

(2)

- 7.2.4 Kutheni uLuwanika esithi, 'Ubuhlobo buchithwe nini buza kubunjwa kwanini?' (2)
- 7.2.5 Sazi njani ukuba uMwera umxolele uLuwanika? (1)
- 7.2.6 Nika amagama amadoda AMABINI avalelwa etolongweni. (2)
- 7.2.7 Ngubani owayeliqaba phakathi kukaMwera noNyikita? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.2.8 YINYANI/BUBUXOKI. UNyikita wafumana eyakhe ifama? (2)
- 7.2.9 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kweli bali. Bhala oonobumba ngokulandelelana kwabo.
- Umzekelo: A, C, D, B.
- A Ukuhlatywa kukaKhasi nguToyi.
- B Ukugetyengwa kukaNyikita.
- C UKhanyizire ufumana umsebenzi kwa-Lever Brothers.
- D Ukugula kukadade boMwera. (4)
- 7.2.10 Sisifundisa ntoni isenzo sikaMwera sokufuna intloko kaLuwanika? (2)

[40]**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
AMANQAKU EWONKE: 120